Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 12

## SEPTEMBA 2024

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)
# IPHEPHA LOKUQALA (P1)
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

Esi sikhokelo sokumakisa sinamaphepha ali-10.

Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANISO / LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyaniswe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 NguDaniswa. √ (1)

1.1.2 ... esasikwidolophu yaseMonti. √ (1)

1.1.3 Sesokulandela umgaqo wengqesho kuba wayeza kufinca amashumi amathandathu eminyaka ephangela √√/ sesokulandela imigaqo yengqesho yakwarhulumente. √√ (2)

1.1.4 B/ √ubukhomokazi √/B/ Ubukhomokazi √. (1)

1.1.5 Yimalini aza kuyifumana √/ingena nini √/ ingena kweyiphi ibhanki √ / zithini izicwangciso zakhe. √

[Naziphi ezimbini kwezi.] (2)

1.1.6 Akangommi weli lizwe √/ ungowelinye ilizwe √/ ungumphambukeli kweli lizwe. √

[Nayiphi na kwezi.] (1)

1.1.7 Umhlalaphantsi ligama elisetyenziswa xa ubani efikelela kwinqanaba lokuyeka ukuphangela, nesi sicatshulwa sithetha ngetitshalakazi eyayifikelela kwiminyaka engamashumi amathandathu yokuyeka ukuphangela. √√ (2)

1.1.8 Wayezidla kakhulu kuba wayenconywa. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (1)

1.1.9 Ndiyangqina kuba kulo mhlathi sichazelwa ukuba wayekhe wayeka ukuthandana ngenxa yokudinwa kukuphoxwa ngamadoda √√ / Kwakukumzuzu engathandani ngenxa yokudinwa kukuphoxwa ngamadoda.√√ (2)

1.1.10 Amakhandlela avuthayo neentyantyambo ezibomvu √/ ivumba elinuka kamnandi lokutya √/ ukufunqulwa kukaDaniswa ngulo mfana eze. √

[Nayiphi na kwezi.] (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.1.11 Iyamxhasa kuba uyamlumkisa ngelithi angaziboni esisisulu salo mfana ude athi makazibuze umbuzo wokuba ziphi iintanga zalo mfana. √√

**OKANYE**

Iyamchasa kuba endaweni yokumenza acacelwe uDaniswa yimpazamo ayenzileyo usuke amenyelise/amphoxe ngobuxhegwazana bakhe. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.12 ... akaphozisanga maseko. √ (1)

1.1.13 Wazula naye akafumaneka tu endlwini yakhe. √ (1)

1.1.14 Wabona sekufika abakwantsasana/ abomthetho bagubhulula indlu. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.15 Masizifundise ukwahlula phakathi komoya wothando kumoya wemali/wesono.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.16 Kukulumkisa abantu basetyhini abaza kuthatha/ nabasele bewuthathile umhlalaphantsi bangatyelwa iimali zabo beqhathwa ngothando./ Kukulumkisa abantu basetyhini abaza kuthatha nabasele bewuthathile umhlalaphantsi bangamfanyekiswa ngothando. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[24]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2.1 Umntwana ufaka/ugcina/wonga imali kwipiggybank/etotini √√/ umntwana ufaka imali kwibhokisi yokugcina imali √√ / ufaka imali kwikheshbhoks. √√ (2)

1.2.2 Ityhila ukumilisela ingqondo kule nto ayenzayo.√√/ uyenza ngokuyithanda kuba uncumile √√/ uza kuthanda izifundo zezoshishino/zekhomesi/zeAkhawuntingi/ zemali √√/ uza kulandela ikhondo lezoqoqosho √√/ uza kuba ngusomashishini. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)

1.2.3 Wenzele ukukhuthaza nabani ocinga ngokonga imali ukuba akunyanzelekanga ubemdala ukuze ube nemali eninzi/ √√ukhuthaza abantwana ukuba uyakwazi ukonga imali uthathela kule uyinikwayo incinci/√√ kukhuthazwe abantwana beselula ukuba bonge imali. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku:**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7 (inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke ali-10

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:**

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

**Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.



Hosted by www.ecexams.co.za.

| **Iingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo.** | | **Iingongoma ezinokubhalwa ngumfundi.** | |
|---|---|---|---|
| 1 | Thenga izinto ezisetyenzisiweyo kuba leyo yindlela entle yokonga imali njengomfundi, | 1 | Zithengele izinto ezisetyenzisiweyo ukuze ulondoloze imali kakuhle. |
| 2 | Yeka ukuthenga ukutya okuvuthiweyo ezivenkileni kuyabiza kakhulu ziphekele. | 2 | Sukuthenga ukutya okuvuthiweyo kuba kuduru zenzele. |
| 3 | Ziphephe iindibano zabahlobo ngakumbi ngeempelaveki kulapho kusetyenzisawa khona imali kungacingangwa. | 3 | Sukuya kwimihlangano yabahlobo ngempelaveki kuba kuchithwa imali. |
| 4 | Zama ukungawasebenzisi amakhadi okuthenga ngetyala (*credit cards*) akufaka ematyaleni amakhulu ungaqondanga. | 4 | Sukuthenga ngamakhadi wamatyala ebhanki aya kukuthi ntyu ematyaleni. |
| 5 | Khangela ukuzonwabisa simahla njengoko iintlobo ezininzi zokonwaba zixhaphakile zifumaneka kuso nasiphi na isixeko. | 5 | Zonwabise kwiindawo zamahala zifumaneka lula kuzo zonke izixeko. |
| 6 | Qasha okanye uthenge iincwadi zokufunda esele zisetyenzisiwe kunokuba uthenge ezintsha kraca. | 6 | Renta okanye uthenge iincwadi esele zisetyenzisiwe |
| 7 | Xa uthenga bonisa ikhadi lakho lokuba ungumfundi okanye uxwebhu lwesazisi ngelixa uthenga ukuze ufumane isaphulelo sepesenti encinci | 7 | Veza ikhadi lesikolo xa uthenga ukuze ufumane isaphulelo. |
| 8 | Ndwendwela ithala leencwadi okanye iwebhusayithi yeyunivesithi yakho ujonge amaphepha eemviwo ezidlulileyo kunokuya kufota ngemali. | 8 | Yiya koovimba beyunivesithi ujonge amaphepha eemviwo ezigqithileyo. |
| 9 | Ndwendwela amaziko ezempilo akufutshane nawe uze xa kuyimfuneko uthenge amayeza afikelelekayo *Generic meds* zidla ngokungabizi kakhulu kunezo zaziwa kakhulu. | 9 | Yiya eklinikhi ufune amayeza afikelelekayo kuba awabizi |
| 10 | Endaweni yokuthenga rhoqo impahla yiya xa kukho isaphulelo okanye xa amaxabiso ethotyiwe, oko kwakwenza wonge kakhulu imali.<br><br>(165 Amagama) | 10 | Thenga iimpahla xa amaxabiso efikeleleka.<br><br>(69 Amagama) |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Ukumakisha iCANDELO C**

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**UMBUZO 3**

**ISIBHENGEZO-NTENGISO**

3.1 YeyakwaWoolworthsfood √ / Woolworths. √ (1)

3.2 Wakuyithenga ufumana ipakethi ibenye yeepeanuts simahla/mahala. √ / ifumaneka ngexabiso eliphantsi. √ (1)

3.3 Kubazali √ (1)

3.4 Lichaza ukuba le mveliso iyafika ayindalanda mayiqwalaselwe. √√ (2)

3.5 Lizisa ulwazi lokuba igqibelele ayifakelwanga ezinye izithako. √√ (2)

3.6 ... yiyani. √ (1)

3.7 Ndiyangqina ukuba uphumelele kuba ubathembisa ngokufumana ipakethi enye yeepeanuts mahala/simahla, ibe ithandwa inzuzo yamahala ngabathengi. √√

**OKANYE**

Ndiyachasa akaphumelelanga kuba ayingabo bonke abathengi abazithandayo iipeanuts, bangangayithengi le mveliso √√/ Esi sivakalisi senzelwe nje ukutsala umdla wabathengi kungenzeka ixabiso lazo selifakiwe kweliya lepeanut butter. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)

**[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 4**

**IKHATHUNI**

4.1 Ngumntwana nomama wakhe. √ (1)

4.2 Akamjonganga umntu omdala othetha naye √ / ujonge kude √/ uvale umlomo ubeke izandla esinqeni. √ (1)

4.3 Yokuba umama kaNancy uyakhathala, usixabisile isikolo kwaye ukwangumxhasi emntwaneni wakhe. √√ (2)

4.4 Titshala. √ (2)

4.5 C√/ wesikolo √/ C-wesikolo. √ (1)

4.6 Akamlindi agqibe utitshala ukuthetha√ / uthetha esathetha. √ (1)

4.7 Kunento ekuyichazayo kubonisa ukuhlonipha iziko lemfundo nokuba ungumzali ozixabisileyo. √√

**OKANYE**

Akunanto kuyichazayo kuba akukho migaqo emisiweyo malunga nokunxiba xa usiya esikolweni ungumzali. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 5**

**IPROZI**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Sisibizo, √ sisenzi. √ | (2) |
| | 5.1.2 | Abanye abafundi bazazi besebancinane ukuba√ bafuna ukuya phi. | (1) |
| | 5.1.3 | ... wonke. √ Isimelabizo soquko. √ | (2) |
| | 5.1.4 | Abafundi. √ | (1) |
| | 5.1.5 | ... ze emva √ konyaka batshintshe. | (1) |
| | 5.1.6 | Isikolo yindawo yokuqeqeshela ukufumana imfundo. √ | (1) |
| | 5.1.7 | **A – (iii) √/ isizathu √ /A-isizathu. √**<br>**B – (i) √ /Isiphumo √/ B-isiphumo √** | (2) |
| | 5.1.8 | Uza kuyibhatalela njani imfundo yakho mfundi. √√<br><br>[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2) |
| | 5.1.9 | ... ndlela√ Emva kwesigxininisi. √ | (2) |
| 5.2 | **UMFANEKISO** | | |
| | 5.2.1 | Abafundi bafundisana kakuhle. √√/ Bayafundisana kakuhle aba bafundi. | (2) |
| | 5.2.2 | Ikamva lakhiwa ngokufunda mfundi. √√/ Ikamva mfundi lakhiwa ngokufunda. √√ | (2) |
| | 5.2.3 | Bajonge iphetshana abafundi. √√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



Hosted by www.ecexams.co.za.